IsiXhosa

# Khetha abahlobo abalungileyo



Khanyisa Mukansi

# Khetha abahlobo abalungileyo

Ibhalwe nguKhanyisa Mukansi
Izotywe nguLutfia Ebrahim-Kamish



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi


IBANGA
LESI-2

Kwakukusasa, abafundi babonwabile bengena eklasini yebanga lesibini.

Babenxibe iyunifom yabo emnyama namthubi. Utitshalakazi uMabandla wafika wababulisa.

Wayezingca kakhulu ngeklasi yakhe. Wayebakhuthaza ebaxhasa abafundi. Kwakuluxolo eklasini yakhe.



Olu xolo lwabonakala lutshabalala. Lwalutshatyalaliswa kukuduka kweepensile.

Zakhangelwa ke ezi pensile, kodwa azafumaneka. Oku kwamethusa kakhulu utitshalakazi Mabandla.


IBANGA
LESI-3

Yaqhubeka ke le ngxaki. Abanye abafundi babekhalazela ukubiwa kokutya kwabo.

Babesothuka ngexesha lekhefu xa befumanisa izinto abafaka kuzo ukutya zingenanto.

Babehlala belambile ke futhi bebawa xa abanye besitya.

Utitshalakazi wabo kwakufuneka abathengele isonka nesiselo.

Lakhangelwa isela kodwa alafunyanwa.


Aa
Bb
Cc
Dd
Ee
Ff
Gg
Ii
Kk
Mm

Yayicace gca yona eyokuba likhona isela eklasini.

Abafundi babesoloko bephethe izinto abafake kuzo ukutya kwabo.

Babengasakwazi nokudlala kakuhle ngokukhululekileyo.

Utitshalakazi wacinga ukuba akutshixele ekhabhathini ukutya kwabafundi.

Wabangxolisa abo banomkhuba wokuba izinto zabanye.

Wabathembisa ukuba isela lona liza kufunyanwa.


clean
green

Emva kwentsuku ezimbalwa, abanye abafundi balahlekelwa yimali yabo.

Okuye iintsuku zihamba, abafundi ababini okanye abathathu babelahlekelwa yimali.

Babefika iibhegi zabo zesikolo zivuliwe, ibiwe imali yabo.

Utitshalakazi wamangaliswa xa abafundi benale ngxaki.

Wayikholelwa le nto mhla naye wabelwa imali ebhegini yakhe.

Isela elingaziwayo, lalilawula liyigqugqisa iklasi.



Utitshalakazi wabhalela abazali. Wabaxelela ngesela eliseklasini.

Wabacela ukuba bancede bafundise abantwana babo ukuba bangebi.

Akukho namnye umzali owavumayo ukuba umntwana wakhe ulisela.

Inqununu nayo yabangxolisa abafundi ibabonisa ngobungozi bobusela.

Wawacela amasela ukuba eze kuye ukuze azokufumana uncedo.



Ngenye imini uChuma waya kutitshalakazi ekhala. UChuma wayengumntwana okrelekrele.

Wafika waxelela utitshalakazi Mabandla ukuba incwadi yakhe ibiwe.

Emva kwekhefu wabona ukuba incwadi yakhe ayikho. Ibhegi yakhe yesikolo yayivuliwe.

Incwadi yakhe yomsebenzi wesiXhosa yayingekho.



Yakhangelwa kuyo yonke indawo incwadi, nakwiibhegi zabafundi. Kodwa ayizange ifunyanwe.

Utitshalakazi wacela ukuba bonke abafundi beze ngaphambili.

Umfundi ngamnye kwakufuneka ukuba aphakamise isandla sakhe.

Le yaba yingxaki kuChulumanco unyana kaMachule.

Wayesoloko ezithoba ezakhe izandla zibe sesiswini.


Xit

Utitshalakazi wacela uChulumanco ukuba eme esizikithini seklasi.

Wacelwa ukuba aphakamisele phezulu izandla zakhe aze axhume.

Waxhuma kwakanye wakhawuleza wabamba isisu.

Wathi xa exhuma okwesibini, yasuka yawela ezinyaweni zakhe incwadi.



Onke amehlo ayethe ntshoo kuChulumanco. Abafundi babesenza ingxolo, behleka bemxwaxwa.

Bakhwaza abafundi, “UChulumanco kaMachule lisela!” uChulumanco wayengakholelwa ukuba le nto yehla kuye.

Wayecinga ukuba usephupheni. Wayenqwenela ukuba umhlaba ungavuleka, umginye.



Abafundi abaninzi babekuvuyelwa ukufunyanwa kwencwadi kaChuma kuChulumanco.

UChulumanco wayenabahlobo abathathu ababenenkathazo.

Babesoloko behlupha amantombazana namakhwenkwe amancinci eklasini.

Le ngxaki zange ichazwe kutitshalakazi.

Kaloku abafundi babesoyika ukubethwa nguChulumanco nabahlobo bakhe.

Wayefunyenwe ke ngoku uChulumanco; wayeneentloni ejonge phantsi.



Utitshalakazi waxelela uChulumanco ukuba athathe incwadi eyayiphezu kweenyawo zakhe.

Utitshalakazi wamcela ukuba afunde igama lomntu elibhalwe encwadini.

Bonke abafundi bathula bathi cwaka baphulaphula kuChulumanco efunda.

Wafunda igama likaChuma, enentloni engcangcazela.

Abafundi bathi gquzu ngentsini bamhleka, bemxwaxwa besithi lisela. Bacacisa kakuhle ukuba isela leklasi lifunyenwe.



Utitshalakazi wabathulisa abafundi ze wamthuthuzela uChulumanco.

Wanika abafundi umsebenzi obhalwayo.

Emva koko wahamba noChulumanco wamsa kwinqununu.

UChulumanco wavuma ukuba uyibile incwadi kaChuma.

Yayingamonwabisanga eyokuba uChuma esenza ngcono kunaye eklasini.

UChulumanco wachaza abahlobo bakhe awayesenza nabo izinto ezingalunganga ze wachaza yonke into ababeyenza eklasini.

Utitshala waphindela eklasini waya kulanda abahlobo bakaChulumanco.


CIPALS
FFICE
MARKET DAY

Abahlobo bakaChulumanco abazange balibazise, bachaza konke okungalunganga ebebekwenza.

Bavuma ukuba bebesiba iipensile, ukutya nemali.

Abazali babo abazange bakholelwe xa besiva ukuba abantwana babo ngamasela.

Bacela uxolo phambi kwenqununu notitshalakazi.

Bathembisa ukuba baza kuzihlawula zonke izinto abazibileyo.

Bathembisa kananjalo ukuba baza kubafundisa abantwana babo ukuba bohlukane nobusela.


kind
AFRICA

UChulumanco nabahlobo bakhe babuyela eklasini sebeneentloni.

Bacela uxolo phambi kweklasi yonke, belila.

Babecela ukuxolelwa ngezinto ezingalunganga abazenzileyo.

Babeneentloni bethobekile. Babesizeleka ebantwini. Abafundi beklasi yabo babengakholelwa ukuba ngabo kanye aba banenkathazo.



Utitshalakazi wabanika umsebenzi wokucoca iklasi. Lo msebenzi babeza kuwenza inyanga yonke.

Kwakuza kufuneka bahlalisane ngoxolo nabanye abafundi.

Utitshalakazi wabehlula waze wabanika abafundi abangcono ukuba babe ngabahlobo babo.

Utitshalakazi wabacela abafundi ukuba bachaze xa abanye abantu bebaphatha kakubi ooChulumanco.

Xa besenza ngolo hlobo baya kuba baphelisa ubusela eklasini.

Ukususela loo mini uChulumanco nabahlobo bakhe, batshintsha.

# IMIBULELO KWABA


**Ibhalwe ngu**
Khanyisa Mukansi

**Izotywe ngu**
Lutfia Kamish-Ebrahim

**Umhleli woku-1**
Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**
Deborah Shilenge

**Umhleli wesi-3**
Rebecca Maluleke

**Umhleli**
PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**
Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**
Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00766-4

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

2030 NDP

NATIONAL READING COALITION
LET'S GET SOUTH AFRICA READING

NATIONAL EDUCATION COLLABORATION TRUST